

INYANI NGESIGONYO SASE MNZANTSI AFRIKA

YINTONI ISIGONYO?


- isigonyo liyeza elincedisa umzimba ukulwa nokosuleleka okanye ukulwa isifo.
- Ukugonya kuncede izigidi zabantwana ukuba bangaguli zizifo ezifana ne masisi (measles), i-polio, kunye noqilikwana.
- Uninzi lwabantu abadala lwagonyelwa izifo ezifana nomkhuhlane kunye ne-tetanus.
- Uninzi lwezigonyo lunikezwa ngenaliti.




Nxiba isifonyo



Hlamba izandla



Mela mgama



INYANI NGESIGONYO SASE MNZANTSI AFRIKA

SISEBENZA NJANI ISIGONYO?


- Isigonyo sisebenza ngokuthi siqhelise umzimba ukubona isifo esitsha, nesifana ne Covid-19, emva koko ufundise umzimba ukulwa esosifo.
- Xa umntu ethe wafumana esosifo, umzimba sele ukulungele ukulwa naso, aze umntu lowo angaguli.



Nxiba isifonyo



Hlamba izandla



Mela mgama



INYANI NGESIGONYO SASE MNZANTSI AFRIKA

KUTHENI SISEBENZISA ISIGONYO?


- Isigonyo sisindisa impilo.
- Izigonyo zincele izigidi ngezigidi zabantu kwihlabathi liphela, ukuze bangaguli okanye basweleke ngenxa yezifo ezifana ne polio kunye ne-masisi.
- Isigonyo lungenelelo olungundoqo ekunqandeni ukugula nokusweleka kwezigidi zabantu.




Nxiba isifonyo



Hlamba izandla



Mela mgama



INYANI NGESIGONYO SASE MNZANTSI AFRIKA

YINTONI ISIGONYO SECOVID-19?


- Esi sisigonyo esitsha esincedisa umzimba ukulwa nentsholongwane ye Covid-19.
- Sisebenza ngendlela efanayo nezinye izigonyo.
- Sancedisa umzimba ukuba ubone isigulo okanye isifo esitsha. Emva koko silungeselela umziba ukuba ulwe nenstholongwane ukuze singaguli.



Nxiba isifonyo



Hlamba izandla



Mela mgama



INYANI NGESIGONYO SASE MNZANTSI AFRIKA

YINTONI UKUKHUSELA ULUNTU (HERD OR POPULATION IMMUNITY)?


- Xa uninzi lwabantu ekuhlaleni lugonyiwe, intsholongwane ayikwazi ukunwenwa okanye ijikeleze kuba abantu ehlangana nabo bakhuselekile.
- Xa uninzi lwabantu luthe lwagonywa, ambalwa amathuba okuba abo bangakhuselwanga sisigonyo bangafumana intsholongwane. Oku kubizwa iHerd immunity.
- Akho sigonyo sikhusela abantu ngokupheleleyo, yaye nokukhusela uluntu ngohlobo lwe Herd immunity, akuthinteli ukuba abo bangagonywanga ngokukhuselekileyo, bangafumani ntsholongwane.



Nxiba isifonyo



Hlamba izandla



Mela mgama



INYANI NGESIGONYO SASE MNZANTSI AFRIKA

SIFAKWA NJANI ISIGONYO SE COVID 19?


- Esisigonyo sizakufakwa ngumsebenzi wezempilo oqeqeshiweyo, kwindawo ezifana nezibhedlele, ekliniki, eKhemesti, okanye kumagumbi okuxilonga oogqirha, ukanti eNelson Mandela University, izakulawulwa ngogxa bethu abasebenza kumaziko okuhlola iCovid-19.
- Sifakwa ngenaliti engalweni.
- Ukuze sisebenze kakuhle kufuneka ufumane iinaliti ezimbini.
- Uzakufumana inaliti yesibini kwiiveki ezine ukuya kwezilishumi elinesibini emva kokufumana inaliti yokuqala.
- Umsebenzi wezempilo uzakuchazela ukuba ungabuya nini ufumane inaliti yesibini.
- Kubalulekile ukuba ufumane zombini ezinaliti.



Nxiba isifonyo



Hlamba izandla



Mela mgama